Isalathiso: 20201207-170
Inombolo yefayili: 12/16/8/R
Imibuzo: G de Bruyn

INgcaciso eMfutshane ye-*Cape Teaching and Leadership:* 0008/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamaCandelo namaCandelwana (kwaNdlunkulu), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: Iikhosi zophuhliso lootitshala, iinkomfa neesemina eziya kuqhutyelwa e-*Cape Teaching and Leadership Institute* ngo-2021

1. Ngo 2021 i-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)* iya kubonelela kwakhona ngeekhosi zophuhliso lootitshala ezivunywe ngokusemthethweni yi-*SACE*, iinkomfa kunye neesemina kwiinqununu, kumasekela-nqununu, kwiintloko zezifundo nakootitshala, nokuba kungethuba leekota zesikolo okanye ngeeholide zesikolo (isiHlomelo A).

2. Zonke iikhosi eziya kuqhutywa yi-*CTLI* ngo-2021 ziya kwenziwa zifumaneke kwiziko lewebhu le-CTLI: www.wcedctli.co.za ungadlulanga owe-15 Disemba 2020.

3. Iikhosi ziya kuqhutywa ngeendlela (*modes*) ezahlukileyo yaye ziya kubandakanya ukudibana kootitshala ubuso ngobuso, iingxoxo eziyindibanisela ezibandakanya namaqonga onxibelelwano ngo-intanethi. Indlela efanelekileyo ichazwe kwisiHlomelo A.

4. Ngenxa yefuthe elingenakwaziwa kwangaphambili likabhubhane i-*COVID-19* ngo-2021, kukhutshwe imbalelwano ngeekhosi zeKota 1 kuphela. Ingcaciso engaphezulu ngeekhosi ezifumanekayo ukulungiselela ithuba eliseleyo ku-2021, iya kuhanjiswa ngethuba leKota yokuqala ka-2021.

5. Ootitshala abonomdla wokuya kwezi khosi mababhalise kwiziko lewebhu le-*CTLI* (inkqubo yokungena nokubhalisa icacisiwe kwisiHlomelo B).

6. Apho iikhosi ziya kuqhutyelwa ootitshala bedibene ubuso ngobuso, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iWCED) liya kuqesha ootitshala abaya kubambela abanye

(substitute teachers) ngethuba lokuqhubeka kweekhosi eziya kuhanjwa ngootitshala e-*CTLI* ngethuba leekota zesikolo, ngokuxhomekeke ekubeni:

- akukho titshala ungaphezu kwemfuneko kwisikolo eso;
- utitshala akangotitshala ohlawulwa libhunga lolawulo; yaye
- utitshala akakabikho kuso isikhundla sokubambela omnye utitshala.

7. Luxanduva lwesikolo ukufumana nokutyumba utitshala ofanelekileyo onokubambela omnye utitshala oya ekhosini.

8. Bayi-50 kuphela ootitshala abaya kubhaliselwa ikhosi nganye kwezi zenziwa ngethuba lekota yesikolo.

9. Ukufumana ingcaciso engaphezulu ngamaphulo ongenelelo ngoncedo e-*CTLI* ngo-2021, kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana nomnye waba baququzeleli beprogram be-*CTLI* balandelayo:

- Gavin de Bruyn, ifoni 021 900 5062, ifeksi 021 900 5114, i-imeyili: Gavin.DeBruyn@westerncape.gov.za ngazo zonke iikhosi neesemina ze-***School Management and Leadership Development***.
- Magdalena Benn, ifoni 021 900 5016, ifeksi 086 614 5151, i-imeyili: Magdelena.Benn@westerncape.gov.za ngazo zonke iikhosi **zeSigaba seSiseko** kunye ne-***Language and Mathematics Solutions Conference***.
- Natasha Fouché, ifoni 021 900 5018, ifeksi 086 443 6276 i-imeyilil: Natasha.Fouche@westerncape.gov.za ngazo zonke iikhosi z**eSigaba esiPhakathi nezeSigaba esiPhakamileyo** nenkomfa eyi-***Language and Mathematics Solutions Conference***.
- Liesl Robinson, ifoni 021 900 5020, ifeksi 021 900 5013, i-meyili: Liesl.Robinson@westerncape.gov.za ngazo zonke iikhosi ze-***Inclusive Education*** nenkomfa ye-***Language and Mathematics Solutions Conference***.
- Christo Davids, ifoni 021 900 5021, ifeksi 086 731 6833, i-imeyili: Christo.Davids2@westerncape.gov.za ngawo onke amaphulo ongenelelo ngoncedo e-***ICT Integration***.

10. Kucelwa wazise bonke ootitshala okule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-12-08